basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha angama-30.

IMIYALELO NENGCACISO

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI **Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.**		
INANI LOMBUZO	**AMANQAKU**	**IPHEPHA**
1. *Kusa Kusihlwa*	35	5
2. *Umqol' uphandle*	35	9
3. *UMonwabisi*	35	12
ICANDELO B: IDRAMA **Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.**		
4. *Ndiyekeni*	35	15
5. *Inzala YamaRhamba*	35	19
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**		
6.1 'Thath' izinto zakho mthakathindini!'	18	23
6.2 'Kanti andizenzanga!'	17	25
ICANDELO D: ISIHOBE **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.**		
7.1 'Imbongi'	18	27
7.2 'Konakele phi na mz' ontsundu?'	17	29

ITSHEKHLISTI

QAPHELA: Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

ICANDELO	IINOMBOLO ZEMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO	PHAWULA (√)
A: Inoveli (*Kusa Kusihlwa*) (*Umqol' uphandle*) *(UMonwabisi)*	1–3	1	
B: Idrama (*Ndiyekeni*) *(Inzala YamaRhamba)*	4–5	1	
C: Amabali amafutshane ('Thath' izinto zakho mthakathindini!') ('Kanti andizenzanga!')	6.1 + 6.2	1	
D: Isihobe ('Imbongi') ('Konakele phi na mz' ontsundu?')	7.1 + 7.2	1	

QAPHELA: Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA A

Yeka ke ukuphokoka kwamakhwenkwe emveni kokuba eyalelwe yintsumpa ukuba abekeke ekhondweni leveni ukuya kuphanga ubumdaka. Nesisi ngoku sasithe minyi phezu kwesinala le, de ngamanye amaxesha saba ngathi lo mlilo siwuvulelwe esibhakabhakeni, nto ke leyo eyabanga ixhala kumagwala, lokuba kungasuka ngesaquphe kubekho intshabalalo.

Zithe ezi ndaba zakuvakala kuMpumelelo, owayengazi kuya mlilweni ngenxa yesohlwayo sakhe, kwa-oko waphaphatheka ukubaleka engabonwa mntu esimka kweli cala linomlilo. Nanko etsiba iingcingo etyhobeka. Koko kubaleka nokugxileka kwakhe eyedwa akazange aqatshelwe mntu. Kwalapha esinaleni kwakusandul' ukuchithwa enye indlu yokulala abantwana, aza la matye angafunwayo anqunjwa ngezantsi komzi. UMpumelelo watyibilika ebulongweni xa kanye atsiba elinye lala matye makhulu abukhali. Nanko ebhukuleka esiya kubetheka ngecala lobuso kwakunye nenkqentsu.

Kuthe cwaka kubonakala ukuba **iingqondo zimkile**. Ulele apho ithuba elide lada nelanga lafuna ukuya kunina. Ngethamsanqa ubonwe ngumantshingilane obegada isinala le ebusuku ngexesha kanye afikayo kuba eza kuqala umsebenzi wangokuhlwa. Uthe akumqwalasela waqaphela ukuba uyopha apha endlebeni. Usiwe kwagqirha othe ngethamsanqa wafumaneka kwangoko kwalapha esinaleni ngenxa yokuba ebehambele esinye isigulana kweliya cala lamantombazana. Ugqirha ukrokrele ukucandeka kwelinye lamathambo asentloko. Uyalele ukuba kutsalelwe umnxeba esibhedlele kubizwe inqwelo yezigulana.

1.1.1 Xela ukuba liqhubeka phi ibali ngokwesicatshulwa. (1)

1.1.2 Ityhila ntoni ngoMpumelelo inkcaza elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UThamsanqa ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule noveli. (1)

1.1.4 Xela unobangela wengxabano ephakathi kukaNomakhwezi noLungile. (2)

1.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uThamsanqa kule noveli. (2)

1.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba uNozililo wathenga ivenkile kuMosia? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ephakathi kosapho lwakwaMakhwetshu nosapho lwakwaNtsibande kule noveli. (2)

1.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomlinganiswa onguYolisa kule noveli. (2)

1.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama (wena/yena). (2)

1.1.10 Xela ukuba loluphi udidi lwenoveli olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA B

Umdaniso ube shushu emva kweentetho ezenziweyo. Kwalile ethubeni kwesuka enye inzwakazi eyayinxibe kakuhle gqitha yaya kuGqirha Ntsibande izele luncumo yafika yamcela ukuba badanise. Omnye uthe akulijonga eli nenekazi wabona ukuba akanakwala. Kuthathwene **kwangushixi shixi shim jike** kudaniswa. UMpumelelo uye wancokola elijonge ntsho eli nenekazi. Nalo lutsho ngolugoso uncumo selimane litshawuza loo mehlo akhophozayo lakujongwa nguMpumelelo. Kuye kwavakala ukungongoza kovalo lubetha esifubeni sikaMpumelelo luvela kweli nenekazi.

Ingqondo yalo ibiphala, ithi ingapha ibe ingapha.

'Noko ingasisono ukuba ndingabulalisa onje yena umfana. Kungokuba mna ndingaba ndisisidenge bethu xa ndinokuzizamela ukuba ndimfumane, ndiyeke eli xwakuxwaku linguZet. Khawucinge nawe, ugqirha nomahlalela wotsotsi,' zihambe njalo iingcinga zeli nenekazi intliziyo ibetha, nomzimba ubaleka igazi. Kuthe xa kujikelwa okwesihlanu kwakho umntu onxibe ikepusi nongaqhinanga nonganxibanga kakuhle osuke weza ngqo kooMpumelelo wafika wamthi mpa mpa emagxeni ethetha:

'Ekskuus, broer, nami ngifuna ukudansa nale cherry udansa nayo.'

Uthe akumthi krwaqu uMpumelelo lo mntu kwathi nyaka kuba le nto uyithathe njengendelelo. Ubengathi akananzi koko waqhuba edanisa nentombazana.

'Tyhini, ngumntu otheni lo uyeka amantombazana engaka aze kundiphazamisa? Khona kukuthini ukuza phakathi kwabantu umntu enganxibanga kakuhle.'

1.2.1 Nika isizathu sokuba eli nenekazi liye kuMpumelelo ngokwesicatshulwa. (1)

1.2.2 Xela ingxaki aye wakuyo uMpumelelo ngenxa yokudanisa neli nenekazi kuthethwa ngalo kwisicatshulwa. (2)

1.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.2.4 Kube nasiphumo sini ukuya kuxelenga kukaMpumelelo kwisibhedlele saseLusikisiki? (2)

1.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uThamsanqa ungumlinganiswa okwaziyo ukumnyamezela omnye umntu. (2)

1.2.6 Xela injongo kaNtongana yokuya kufuna amaphepha evenkile kuThamsanqa. (2)

1.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba kube luncedo ebomini buka-Thembisa ukuhlala kwakhe kwatitshala uNgxowankulu. (2)

1.2.8 Ngqina ukuba ukuthobela uThamsanqa kube nesiphumo esihle ebomini bukaMpumelelo. (2)

1.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesihloko sale noveli ngokubhekiselele kuMpumelelo. (2)
[35]

UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

'Ikumkanikazi yeli Monti aniyazi na nina? Nditsho mna eyobuhle uLinda Monti.' 'ULinda Monti!!' Ukhuze watsho uSajini, kusothuka namaqabane ahamba nawo. 'NguLinda Monti ke lo ndiza kuniyalela ukuba nimfuduse ngobunono obukhulu kweli zulwana lakhe lasemhlabeni, nimthathe nimse kwiminquba yentolongo apho aya kuhlala eselugcinweni olungqingqwa de kufike umhla aya kujongana nesityholo esimfaneleyo emva kophando endisalwenzayo.'
Akubanga kho uphenduleyo. UHlobo uvule ucango lwegumbi awayekulo uLinda, wayalatha ngomnwe loo nzwakazi. Yayisathe tywaa phezu kwalaa mandlalo wayo, entla. Asuke ajongana amadoda ngumothuko kucaca ukuba ebomini akazanga awufumane umyalelo wokubamba enjengaleyo inzwakazi.
Ibe nguHlobo othe gqada: 'Ndiv' intw' embi nkosazana, impangelo iyandi-nyanzela ukuba ndingabi nalusini ngemihla enje ngale. Uyazi nawe, impangelo yimpangelo. Sowunceda ngokuphakama, unxibe ngendlela eyothi ingqinelane neemeko owofikela kuzo emva kwemiqobo yeentsimbi – ejele ke ngoko. Uyazazi izinto obuhleli uzenza kweli phakade. Umele ngoko ukuba ubusoloko uyilindele le mini usazi ukuba ngenye imini woze ulindwendwele elaa khaya lezihange. Ndiyathemba ukuba **njengencutshe kwezehombo**, kulaa tyesi yakho yempahla akho amadlavana afudumeleyo abekelwe lo mhla usidenge.'
'Mfo! Bendingakwazi ukuba ukrwada kangaka!!' Uwakhonkothile uLinda loo mazwi exhuma ukuphakama emandlalweni wakhe.

2.1.1 Xela ukuba liqhubeka phi ibali ngokwesicatshulwa. (1)

2.1.2 Atyhila ntoni ngoLinda amazwi kaHlobo abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UDuma Hlelo ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule noveli. (1)

2.1.4 Xela unobangela wale miyalelo uHlobo ayinika amapolisa malunga noLinda. (2)

2.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uLinda kule noveli. (2)

2.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba uLulama wabanjelwa ukubulala uEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ephakathi kukaHlobo namalungu ase*Moonglow Night Club* kule noveli. (2)

2.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomlinganiswa onguSajini Ngqondi kule noveli. (2)

2.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama (wena/yena). (2)

2.1.10 Xela ukuba loluphi udidi lwenoveli olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA D

Uthe vumbululu kwangoko umtshutshisi okaNgqondi, emveni kokuba ebesoloko esenza amanye amabhunga nokaHlobo. Uhambise wathi, 'Ndiphakamela ukucela le nkundla isikhabe esi sicelo somthetheleli wommangalelwa. Nangona lonke uphando selugqityiwe kunokuthelekelelwa ukuba ubungqina esinabo kwityala elilolu hlobo bucekethekile kakhulu kangangokuba bungacunyuzwa lula ngummangalelwa xa ethe wakhululwa.
Ngaphezulu koko, singade sibe besimthembile ummangalelwa ngelixa elingaphambili simnika onke amawonga ngenxa yentembeko kodwa ukuthenjwa komntu kuphela mhla wenza ububi okanye mhla warhanelwa ngobubi. Kakade umntu uhleli engagqibeki, ingaziwa imbilini yakhe. Lowo simthembayo senziwa kukuba sisaneliswa koko kusemehlweni ethu. Athi amaciko umntu ngumva wekhabhathi wona ungekho mehlweni amntu. Kulo mmangalelwa sesiwubonile umva obusoloko usinqabele. Sesimbonile ukuba lilahle elinothuthu. Masingazibeki ke esichengeni sokutshiswa **lilahle elinomthuthu** naxa seside salibona. Nam ndisatshaya.'
Ide yathetha imantyi, 'Kwesi sithuba, inkundla yokhe iikhebevu okwemizuzwana engephi, khe ndiye kuqwalasela endikuvileyo.' Ekubuyeni, imantyi ayibanga saphozisa maseko. Igadlele yathi, 'Ndizihlafunisisile zonke iingongoma ezithe zabekwa phambi kwam ngala macala mabini abambene ngeli tyala. Andibanga namathandabuzo ngesigqibo endifikelele kuso.'

2.2.1 Nika isizathu sokuba umtshutshisi aphakame ngokukhawuleza ngokwesicatshulwa. (1)

2.2.2 Xela ingxaki enokubakho ngokwentetho kaSajini Ngqondi xa uLinda anokuthi akhululwe ngebheyile. (2)

2.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

2.2.4 Kube nasiphumo sini ukufumaneka kwe*tape recorder* kaEddie ebalini? (2)

2.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uDuma Hlelo uthembekile. (2)

2.2.6 Xela injongo yokuba isiganeko sokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma sivezwe kwasekuqaleni kwebali. (2)

2.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba kube luncedo kuphando lukaHlobo ukutyelela uJoe Bumba. (2)

2.2.8 Ngqina ukuba ukunyolukela imali ekhawulezayo kube nesiphumo esibi kuThembisa Ntlokonkulu. (2)

2.2.9 Bonisa ukufanekela kwesihloko sale noveli ngokubhekiselele kokwenzeke kumalungu ase*Moonglow Night Club* ekupheleni kwebali. (2)
[35]

UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA E

Ngexesha babesafunda eMtata kwakuxatyiswe ulonwabo, nokuya kuqesha indawo kwiihotele ezikunxweme lolwandle olugudle iTranskei, ukuze kubanjwe amatheko okonwabisa izihlobo noluntu ngokubanzi. Nabo ke babezibona befanelekile ukuba benze njalo. Kwawabo amatheko kwakuzala kuphele indawo yokuma lulutsha lodwa. Babebaqeshela ke abahlobo babo izinto zokuhamba ukusuka eMtata zibase mhlawumbi kwihotele ePort St Johns. Apho ke kwakungekho nto ingekhoyo, osela obuthile utywala abusele ade atyekeze, otya inyama ethile ayitye ade adikwe. La matheko ke ayevamise ukuqala ngolwesiHlanu, atyhutyhe impela-veki yonke, ukuya kuma ngoMvulo ekuseni. Okuziincwadi nesikolo babeziqala ngoLwesibini bakugqibelise ngoLwesine.

UMamTolo wabaqaphela ukuba abantwana bakhe bayasela xa uHlubikazi ekwibanga leshumi, emva kokuphinda elethoba. Yamothusa kakhulu loo nto kwaye yaba lihlazo elikhulu. Kwanyanzeleka ukuba **ibe lihlebo labo bobathathu**, kuzanywe nakanjani na ingafikeleli ezindlebeni zikaRhadebe. Wazicenga ezibongoza iintombi zakhe uMamTolo ukuba zahlukane nalo mkhuba, kungenjalo zibuyise unyawo noba kukancinane. Intoni! Zanga zifumene imvume, imali ziyibiza ngqo ngoku, zithi yeyebhabhalaza leyo ziyifunela elo xesha okanye yeyesiselo sokuxuba obo tywala. Kwathi kwakuba njalo waqonda ukuba uphosisile kwaye izinto zazise zingapha kwamandla akhe. Wacinga indlela anokunqanda ngayo le ntlekele ingekehli, kwaba kungona acinga ngoyise ...

3.1.1 Xela indawo ababefunda kuyo abantwana bakaMamTolo ngokwesicatshulwa. (1)

3.1.2 Atyhila ntoni ngoMamTolo amazwi akhe abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

3.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UMonwabisi ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule noveli. (1)

3.1.4 Xela unobangela wokungavisisani kukaThandabantu noMamTolo malunga nokuthengiswa kwamashishini. (2)

3.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uThandabantu kule noveli. (2)

3.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba uGcinumzi wabulawa nguThandabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ephakathi kukaThandabantu nabanye oosomashishini. (2)

3.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomlinganiswa onguMaRhadebe kule noveli. (2)

3.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama (wena/yena). (2)

3.1.10 Xela ukuba loluphi udidi lwenoveli olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA F

Wachitha iintsuku ezintathu apho eBhayi engekamfumani uNobuntu, loo mikhondo wayeyifumana ebantwini ingade imse kuye lo Nobuntu amfunayo, kuba ke bethu iBhayi likhulu kwaye bebaninzi nabantu abanamagama afanayo nelo likaNobuntu.

Wade waya kumfumana eTinarha, apho wayesebenza kweminye yaloo mizi-mveliso yalapho. Wayeqeshile mzini uthile ehlala kumagumbi akhiwe ngasemva kumzi lowo. Naye wayesele enomntwana oyintombi, kodwa ke yena sele bengasavani noyise. Babephila nzima noko njengoko babengathunyelelwa mali nguyise kuba efuna ukuba **bathi bakubethwa yihambo-nzima** yobom babuyele ekhaya. UMonwabisi wafika kumntu ekukudala ekruqukile bubom bokuvuka ngonyezi nangeCawa eleqa ukufika ngexesha emsebenzini ukuze abuye sele kwalalwayo xa aphuma apho. Ngoko ke akazange asokole ecenga uMonwabisi, wathi akugqiba nje ukuchaza aze ngako waqalisa uNobuntu walungiselela ukuhamba. Wakhe wafuna ukumshiya umntwana lowo kuba esoyika ukufika sele enosana kokwabo. Wamchazela ngoHlubikazi nolwakhe usapho waza ke naye wammema ukuba aze nayo intombi leyo. Banduluka ke kwangayo loo mini abaphozisa maseko, nabo bantu wayeqeshe kubo babona sele eze kunikezela ngesitshixo ukuba uyahamba, phofu engonanga nto yabo nabo bemkhulula ngentliziyo entle.

3.2.1 Nika isizathu sokuba uMonwabisi aye eBhayi ngokwesicatshulwa. (1)

3.2.2 Xela ingxaki ahlangene nayo uNobuntu akuba eseTinarha emva kokushiya ikhaya. (2)

3.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

3.2.4 Kube nasiphumo sini ukuziphatha kakubi kwabantwana bakaMamTolo esikolweni? (2)

3.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uMbomb'eMfene ngumlinganiswa ongenankathalo ngempilo yabantu. (2)

3.2.6 Xela injongo yokuba uThandabantu athi kuMamTolo makayeke ukuthumela imali kuHlubikazi eMlazi. (2)

3.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba amava awafumeneyo uMonwabisi ngexesha eshiywe yedwa eNtshiqo abe luncedo ebomini bakhe. (2)

3.2.8 Ngqina ukuba impathombi kaThandabantu kubasebenzi bakhe ibe nesiphumo esibi kuye. (2)

3.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesihloko sale noveli ngokubhekiselele kumlinganiswa onguMonwabisi. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA G

(Emzini kaNdila kuhleli yena, umkakhe uZingiwe, uNonceba Zamani umlingane kaZingiwe noMaziko)

NDILA: Mfondini! Ndirhoxile emsebenzini namhlanje ngenxa yeemeko.
NONCEBA: O! Uthini na Dicksie? Akuqhuli? Iyawa nguMawonga?
ZINGIWE: Kudala ndimxelela uDicksie ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa nokumilisela ubukumkani beempukane.
NONCEBA: Suka wethu, akuphilwa ngasikolo sodwa. Zisaqhuma iitshimini phaya eMonti. Niphi na nina Sammy xa uDicksie esiwelwa ngumgodi?
ZINGIWE: Baphi ntoni na, ingamahlakani kaMawonga nje lawo?
MAZIKO: Kanti ukuba benisazi! Ndixhaphe ndisoma amagwebu ndicamagusha, ndafa namthanyana. UDicksie lo angandingqinela. Ngaphaya koko, uDicksie uxhelwa ngumntu onezakhe izishiqi, koko azinamneki-lucingweni.
ZINGIWE: Unyanisile Sammy, Makungalalwa. Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana. Ndakumenza azi ukuba **inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole**.
MAZIKO: Kanti unyanisile ingathi uyadlala nje. Eli lizwe alifuni nkenekene. Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni, yityabule nayo ngentsimb' ebomvu
NDILA: *Life is full of surprises – Mediocre men do climb to the topmost rung of the ladder of life, whilst brilliant men are often obscured by their brilliancy on which they rely without reservations.* Loo nto ayithethi into yokuba mabathi abaphumelele ngethamsanqa ukuziphepha izabatha zobom, mabadobelele abo bathwetyulwe zizo.
MAZIKO: Imposiso yakho utshaba ulubona selukugqibile. Ukuba ibindim bendingephumli ingazalanga indebe yempindezelo.

4.1.1 Xela ukuba liqhubeka phi ibali ngokwesicatshulwa. (1)

4.1.2 Atyhila ntoni ngoZingiwe amazwi akhe abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

4.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UThandiwe ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule drama. (1)

4.1.4 Xela unobangela wokuba uMaziko aye kwaNdila emva kokuba uNdila egxothiwe emsebenzini. (2)

4.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uFuneka kule drama. (2)

4.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba uMawonga watyiswa ityhefu nguNdila ukuze abhube? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ephakathi kukaMawonga noNdila. (2)

4.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomlinganiswa onguMaziko kule drama. (2)

4.1.9 Khankanya iimpawu zibe MBINI zedrama (2)

4.1.10 Xela ukuba loluphi udidi lo mdlalo olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA H

(Intlanganiso yekomiti yesikolo idibene kuxoxwa ngoLoni Mawonga ekho onke amalungu.)

NKOSK ZINZO: Ke sibizelwani na xa kunjalo?
MADALA: Ke, nibizelwe ukuba naziswe okokuba kukho into enje, nicebise ukuba ninakho. Ndimi *(Ahlale)*.
MAVUSO: Sihlalo, akusekho kuthundeza bhityo namhlanje. Lo mfana waziwa nanguthathatha ukuba ulala apho ahlwelwe khona echolwa nasezitalatweni.
JEKWA: Namhlanje ninkqenkqeza phambili okweefolosi. Kubaswe phi, kubase bani?
MADALA: Zinkosi yekani izagwelo nangu umcimbi. Nikubonile **ukutshila kwentambanane**, nikubonile ukudubula kwenkanga, senibona ngoku ukutha kwayo.
LAMLA: Siyaxakwa thina mayilo xa kunje.
ZINZO: Sivile mhlalingaphambili, sisacinga indlela yokunqanda inkanga ingethi ide itshe pam.
MAVUSO: Kanene inimba inamaqhinga? Nanitheni mhla ngoNdila senifuna-funa indledlana nje? Makahambe naye.
JEKWA: Mna ndiphakamisa okokuba acetyiswe lo mfana okokuba arhoxe emsebenzini ngoku.
LAMLA: Ndiyasekela, liyinyaniso elo *(Avumelane amalungu).*
MADALA: Ndihlala ndinixelela mihla le ukuba sikwixesha esingalaziyo, laziwa ngabaninilo kuphela. Ukugweba ngophondo mihla le akusisi ndawo, kungekho nonokugxeka omnye nomnye irhawu lidla umzi. Heke! Ngoku ke sisawugqibile lo. Nicinga ukuba singafaka bani kwesi sithuba.
NKOSK ZINZO: Andiqondi ukuba singazikhathaza ngaloo nto okwakaloku nje. Leyo into inemini yayo.
MADALA: Siyeva nkosikazi. Makabizwe utitshala.
(Abizwe angene)

4.2.1 Nika isizathu sokubakho kwentlanganiso yekomiti yesikolo ngokwe-sicatshulwa. (1)

4.2.2 Xela ingxaki aphele ekuyo uThandiwe ngenxa yokukunxila kukaMawonga kuxoxwa ngako kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa yinkcaza elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.2.4 Kube nasiphumo sini ebomini bukaMawonga ukunxila ngokugqithisileyo? (2)

4.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uFuneka ungumlinganiswa okhohlakeleyo. (2)

4.2.6 Xela injongo yokuba abahlobo bakaThandiwe bamndwendwele emzini wakhe. (2)

4.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba akubanga luncedo ukuhlala kukaZanele kwaFuneka. (2)

4.2.8 Ngqina ukuba ukuthethelelwa kukaNdila nguMadala kwintlanganiso yekomiti engokunxila kwakhe esikolweni akubanga nasiphumo ebesinqwenelwa nguNdila. (2)

4.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesihloko sale drama ngokubhekiselele kumlinganiswa onguMawonga. (2)
[35]

MBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

Sekudlule unyaka ngoku uDina esebenza kwaNyoka. KukwaThambolenyoka egumbini likaNyoka kungene uNoyongo.

NOYONGO: Nankuya pha ngaphambili Mlungu. Ulinde phaya.
NYOKA: Ulinde phaya ulinde ntoni?
NOYONGO: Ndithe makalinde Mlungu, ndiza kuthetha nawe kuqala.
NYOKA: Ngoku uthethile ke nam. **Hamba uyokumxelela ukuba makagoduke, ayokulungisa iingxaki zakhe kowabo.**
NOYONGO: Uthetha ukuba akusafuni nokuthetha nje oku naye ngokwakho Mlungu?
NYOKA: Tyhini madoda! Sisimanga santoni na esi sindehlelayo? Ungenwe yintoni Noyongo? Ndiza kuthetha ntoni na nalo mntwana, ndiza kuthetha ntoni? ...
NOYONGO: Oku kokuba umbone Mlungu imeko akuyo.
NYOKA: *(Efudumala)* Noyongo.
NOYONGO: Mlungu.
NYOKA: Usawufuna umsebenzi wakho?
NOYONGO: Ewe Mlungu.
NYOKA: Phuma ke apha. *(Ephakama emkhomba emnyango).* Hamba.
NOYONGO: *(Uphume apho enyoshoza uNoyongo, iinyembezi ezibambe ngeenkophe. Ufike kwigumbi elingaphambili wabamba uDina, wamanga kangangethube elide, belila kunye, yaye kungekho uthethayo. Uthe esakuva izingqala nokungqukruleka kwabo uThambolenyoka, wavula umnyango wakroba, suka wanikina intloko, wabe wabuya nocango. Kuthe kusenjalo kwangena uKuku, wathi esakubona uDina noNoyongo besityekelwe yiloo ntlungu, wagubha ngumsindo.)*
KUKU: Yintoni Noyongo? Yintoni?
NOYONGO: *(Egixa zinyembezi)* Uyamgxotha.
KUKU: Uyamgxotha?
NOYONGO: *(Ebibitheka sisingqala)* Ewe, uyamgxotha Kuku.
KUKU: Sii! Isaza kuphuquza kodwa laa nja leya. Ndiyakuxelela. Ngenye imini! Isaza kuphuquza.

5.1.1 Xela ukuba liqhubeka phi ibali ngokwesicatshulwa. (1)

5.1.2 Atyhila ntoni ngoThambolenyoka amazwi akhe abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

5.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UKuku ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule drama. (1)

5.1.4 Xela unobangela wokuba bangavani uNoyongo noKuku emva kokugxothwa kukaDina kwaThambolenyoka. (2)

5.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uZanoxolo kule drama. (2)

5.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba uDina wahamba nabantwana bakhe ngelixa esiya eKapa? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ephakathi koThambolenyoka noDina kule drama. (2)

5.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomlinganiswa onguSajini Gxalaba kule drama. (2)

5.1.9 Khankanya iimpawu zibe MBINI zedrama. (2)

5.1.10 Xela ukuba loluphi udidi lo mdlalo olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA J

(KungoLwesihlanu weveki elandelayo. Kusehotele kwaThambolenyoka. Kwigumbi lokuselela amanenekazi kuhleli uNoyongo, uNomhase, noNozigoci bangqonge uDina, echophe kwisitulo esisekhawuntaleni njengesiqhelo.)

NOYONGO: Hhe wethu mfazindini, asizi kuphelelwa yimisebenzi yethu kaloku thina ngenxa yakho tyhini. Ke thetha ungubani?

DINA: *(Cwaka)*

NOYONGO: Khawususe ezi zinto zimnyama zisemehlweni, sifuna ukukubona ungubani.

DINA: *(Ethabatha isiselo sakhe etafileni evula ibhotile erhabula, wabuya wayivala wayibuyisela kwasetafileni – emva koko wathi cwaka.)*

NOYONGO: *(Ejika ejonga kuNomhase noNozigoci)* Kowu! Kodwa le athi uMlungu masiyenze, hayi ayikho le.

NOMHASE: Khona xa efuna ukwazi ukuba lo mntana ngowaphi engambuzi ngokwakhe nje kutheni?

NOZIGOCI: Yho! Angeke uligqibe.
(Kuthe kusenjalo kwangena uThambolenyoka ehamba namadoda amabini abangawaziyo, wamela qelele ethetha nawo into abangayivayo. Emva koko wegqitha waya kungena nawo kwigumbi elingasemva.)

NYOKA: Jongani madoda, lo mntwana nguye lowa ungqongwe zeziya **zitunxa** zithathu zabafazi.

MKHEFA: Simbonile Skhulu.

SDOKHWE: Yha siyambona Skhulu. ...

NYOKA: Jongani madoda, ndinithembile, ningandiphoxi. Ndifuna ukwazi yonke into ngalo mntwana: inqwelo-mafutha ahamba ngayo, igama lakhe, nalapho ahlala khona. Niyandiva?

MKHEFA: Kuyavakala Skhulu, kulula konke. Yonke loo nto Skhulu uza kuyifumana kwanamhlanje.

NYOKA: Kulungile ke. Mkhefa, biza eziya zitunxa zithathu zabafazi zize apha.

5.2.1 Nika isizathu sokuba uNoyongo, uNomhase noNozigoci bangqonge uDina ngokwesi sicatshulwa. (1)

5.2.2 Xela ingxaki abe kuyo uDina ngokumana esiya kwaThombolenyoka enxibe impahla ezimnyama engaziwa ukuba ungubani. (2)

5.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.2.4 Kube nasiphumo sini kuMkhefa noSdokhwe ukuleqa uDina? (2)

5.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uNoyongo ungumlinganiswa olixoki. (2)

5.2.6 Chaza injongo yokuba uThambolenyoka aqashe uMtshizana. (2)

5.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba sasilungile isigqibo esathathwa nguDina sokuya eKapa. (2)

5.2.8 Ngqina ukuba utyelelo lootitshala bakaDina kowabo kube nesiphumo esihle kuye. (2)

5.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesihloko sale drama ngokubhekiselele kubasebenzi bakwaThambolenyoka. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Thath' izinto zakho mthakathindini' nguLL Ngewu
- 'Kanti andizenzanga!' nguEZ Guqa

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 'THATH' IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL Ngewu

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA K

Kwathi ngomnye unyaka kwavakala ukuba abafana baseGqaqhala kuTsolo bawe nombombela basweleka kuloo majikojiko endlela yaseNtywenka. Le ngozi iphume qho ezindabeni kunomathotholo. Ngenye imini abafana baseGqaqhala bagqibe kwelokuba bakhe babhulise befuna isizekabani sale ntlekele. Bakhawuleze bachwechwela uKhuthala kuKhothana. Ekufikeni kwabo igqirhakazi eliyintombi linge alibasanga so. Kwalile ngongcwalazi babizelwa kwindlu yokuxilongela. Banele nje ukuxela ukuba basuka eGqaqhala lahlasimla, lathimla igqirhakazi. **Liqhabalakile igqirhakazi libaxelela ngezankondekazi ezibini zaseGqaqhala ezingathumani manzi ekuthakatheni.** Ligqibe ngelithi ezi zankondekazi zinabafazi abathandathu ezisebenza nabo lo msebenzi wokungcola. Enye into abayixelelwayo ligqirhakazi ibe yeyokuba abafana abo bawe nombombela abafanga koko ngomhla womngcwabo kongqcwatywa nje iimpundulu. Lithembisa igqirhakazi ukuba lingancedisa ekuvuseni abo bakhangeleka ngathi bafile.

Bemke abafana baseGqaqhala bengawuhlanganisi umlomo ligqirhakazi elihlab'emhloleni. Babuyele emva eGqaqhala apho bafike banika umyalelo wokuba izidumbu zingangcwatywa kuba ziza kuvuka ngeny'imini. Abafelwa babone ukuba babize uKhuthala kanti noNgqavula umfo kaFudukile ingqwayingqwayi yexhwele laseNgqeleni eDumse ukuba baze kuvusa abafi kumzi wabangcwabi eMthatha ... UKhuthala noNgqavula bebengqwayiza ukuhamba eli lixa abantu bebakhe umkhanyo beze kubukela isimanga sikaNongqawuse.

Ziqengqelekile iintsuku zeeveki neeveki zenyanga uKhuthala nexhwele laseDumse bequqa kumzi wabangcwabi eMthatha kodwa kungashukumi nocikicane lo kubafi.

6.1.1 Xela ukuba liqhubeka phi ibali ngokwesicatshulwa. (1)

6.1.2 Atyhila ntoni ngegqirha amazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

6.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

UKhuthala ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kule noveli. (1)

6.1.4 Xela unobangela wengxabano ephakathi kwabafana baseGqaqhala noKhuthala. (2)

6.1.5 Bonisa ukufaneleka kwegama athiywe lona uFudukile kweli bali. (2)

6.1.6 YINYANISO okanye BUBUXOKI ukuba abafana baseGqaqhala bayifumana kuKhuthala intsontela yokubopha abafazi abathi bayathakatha? (2)

6.1.7 Ngqina ukuba yimpixano yangaphandle ekhoyo kweli bali. (2)

6.1.8 Cacisa ukubaluleka kobukho bomfana owayengazibandakanyanga nenkohlakalo yabafana baseGqaqhala. (2)

6.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Xa ibali encwadini libaliswa kumntu (wokuqala/wesithathu) kusetyenziswa igama (wena/yena). (2)

6.1.10 Xela ukuba loluphi uhlobo lwejenra olu. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2 **'KANTI ANDIZENZANGA!' – EZ Guqa**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA L

UMaDosini umke kwamfundisi ekhubekile ezisola ukuba ebengenwe yintoni, ukuhlala ahlale aye kufun'uncedo kumfundisi ebekucaca ukuba naye akahlukanga kubantu abangenwe lulwamvila lwentiyo kubantu abatenxileyo abafana noMtuyedwa lo. Ugodukile umfazi wasemaCirheni elilaxa. Ufike kwakhe waxelela unyana wakhe ukuba makazilungiselele ukuphuma ngengomso.

'Mama, ndiphume ndiyephi kodwa?'
'Mntwanam, mna andikhathali nokuba uyephi. Intonje endingayifuniyo kukuba ube lapha phakathi kwamasango omzi wasemaCirheni. Ubom bakho busemngciphekweni. Abantu abakufuni yaye ndiyabona ukuba baxolele nantoni.'
'Mama, abantu abangandifuniyo luxanduva lwabo ukuba bandidale ngokutsha. Into yona endingayiqondiyo kukubaleka ukubulawa ngento endingenakuzinceda kuyo. Yona loo ndawo ndibalekela kuyo andizikufika inabo abantu abafana naba balapha eSikhobeni?'
'Hamb'uhambe, mntanam, kungcono ukuba uyokuqala ubom obutsha kwenye indawo. Ukufa kwakho akukho nto kunokundenzela yona ngaphandle nje kokundifaka ematyaleni endingawalungelanga.'

Kuse ngosuku olulandelayo umfana waseSikhobeni elishiya ngemva ikhaya lakhe engaqinisekanga naye ukuba wolifumanaphi ihlathi anokuzimela kulo. Ubefunjathiswe ubugcwabalalana bemali enokumgcina iintsukwana ngumfazi wasemaCirheni. Ufumene izithuthi ezimthwale wada waya kuwa eRhini kanti nalapho uggithele ngaphambilana wada waya kuwa kwilokishi yakwaNonkqubela eMnyameni. Ufike apha wacela ukuxhwarha kumzi othile ngelithi uhamba ekhangela izithuba zomsebenzi. **Wamkelwe kweli khaya ngezandla ezishushu …**

6.2.1 Nika isizathu sokuba uMaDosini aye kwamfundisi. (1)

6.2.2 Xela ingxaki azifumana ekuyo uMaDosini ngenxa yesigqibo esithathwe ngamadoda aseSikhobeni. (2)

6.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2.4 Kube nasiphumo sini kuMntuyedwa ukusoloko ehleli nomama wakhe, kwaye emncedisa kwimisebenzi yekhaya? (2)

6.2.5 Ngqina ngokwasebalini ukuba uMaDosini ungumama onomqolo. (2)

6.2.6 Chaza injongo eyayixelwa ngamadoda aseSikhobeni yokugxotha uMntuyedwa eSikhobeni. (2)

6.2.7 Xhasa ngolwazi lwebali uluvo lokuba sasilungile isigqibo esathathwa nguMntuyedwa sokulishiya ikhaya lakhe mhla egxothwa. (2)

6.2.8 Ngqina ukuba ukungabi namyeni kukaMaDosini kumenze ixhoba lokuxhatshazwa ngamadoda aseSikhobeni. (2)

6.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesihloko seli bali ngokubhekiselele kuMntuyedwa. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Imbongi' nguKN Manciya
- 'Konakele phi mz'ontsundu' nguT Yawa

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

QAPHELA: Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

IMBONGI – KN Manciya

1 Nguchul' ukunyathel' **ingcibi** yezibongo;
2 Lichabasa lechebesh' elichas' amachelesi;
3 Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
4 Kroti lakwabani ngqanga yamazwi!

5 Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
6 Akusiloqi nasiwanqi salopholopho;
7 Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
8 Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.

9 Yingcungcu ongeyivali mlomo,
10 Kub' imiqobo ayibekelwa mbongi;
11 Ngumavula-kuvaliwe isinyikatha sesazi
12 Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samaThongo.

13 Ezakh' iziqamangelo zikwilizwe elingaphaya kwefihlo.
14 Wolondl' itshoba lakhe umfo wasemzini,
15 Nqwa neletola int' eman' ukutywas' ihlasimla;
16 Ihlokohlwa ngamahlwantsi elizwe lasekupheleni.

17 Yingqitsimakhw' engaphuhluki njengathumba.
18 Yipikoko ekucondoba kutsal' injezu;
19 Yintambanana ukuvotyozel' ityityimba;
20 Ngudokolwan' ukuwaganga amantyontyelo.

21	Ngujobela ukuthand' ezizezakhe iihombo neehombile.
22	Yingcibi nencacholo yezivatho;
23	Ibhinqel' amawatsha, izikhaka nesidlokolo.
24	Ngumvetshan' oventshuz' uvatshula.
25	Zimgqaz' iimbong' aph' ezweni,
26	Kub' amaThong' akathongi ngamthongisayo,
27	Kub' iimbongi azahluke tu kooNonyanya.
28	Zithetha neengcathangu zaw' amaThongo.
29	Xa bendingayimbongi kwiimbongi zelizwe,
30	Bendingahlasimla ngohlwantsi lohlwahlwane;
31	Ndihlahlambe ndihlehlahlehla ndihlasimla,
32	De ndididizele ndithi dabalala.

7.1.1 Nika igama elisisithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo woku-1. (1)

7.1.2 Xela isixhobo sesandi esifumaneka kulo mqolo ulandelayo unike nomsebenzi waso.

'Li**ch**abasa le**ch**ebesh' eli**ch**as' ama**ch**elesi' (2)

7.1.3 Nika uphawu lobhalo olubhalwe ngqindilili kule miqolo ilandelayo unike nenjongo yokusetyenziswa kwalo.

Nguchul**'** ukunyathel**'** ingcibi yezibongo
Lichabasa lechebesh**'** elichas**'** amachelesi (2)

7.1.4 Khankanya umsebenzi wembongi obalulwe kwisitanza sesi-2. (2)

7.1.5 Chaza intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kumqolo ongezantsi ngokubhekiselele kwimbongi.

'**Akusiloqi** nasiwanqi salopholopho' (2)

7.1.6 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi. Kulo mbongo imbongi ibonga …

A imbongi yosiba.
B imbongi yomthonyama.
C ababhali neembongi.
D abantu bonke. (1)

7.1.7 Nika umsebenzi wesikweko esibhalwe ngqindilili kulo mqolo ulandelayo.

'**Ngujobela** ukuthand' ezizezakhe iihombo neehombile.' (2)

7.1.8 Cacisa okuthethwa kule miqolo ilandelayo.

'Zimgqaz' iimbong' aph' ezweni,
Kub' amaThong' akathongi ngamthongisayo' (2)

7.1.9 Nika umxholo walo mbongo. (2)

7.1.10 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU? – T Yawa

1 Kazi yimbudumbudu ni na le iqhubekayo kweli loMzantsi?
2 Nkanyamba ni na le itshayela ilizwe lethu?
3 Kunamhlanje nje uMzantsi Afrika uyalila;
4 Besiba ngokuzalwa koMzantsi Afrika omtsha
5 Izinto ziza kutshintsha zibe ntsha.
6 Kuthe kanti asibhungisanga, uMtyholi uthi, ng'ong'o.
7 Kuphalala igazi mihla le, zizijwili nje;
8 Ubuntu kule mihla bumke nezandawana;
9 Mihla le ziindaba ezixhomis' amehlo
10 Koomabonakude noonomathotholo.
11 Kazi liphi na ikamva leli loMzantsi?
12 Ilizwe liyahlininika ziziganeko zentswela-bulungisa;
13 Imibutho yezopolitiko ijongene ngezikhondo zamehlo;
14 Inene ingqubana okweenkunzi zeegusha epalamente.
15 Kazi luzimele phi na uxolo olwalutyalwe nguMadiba?
16 Ukuphangwa kodederhu lweevenkile kuthath' unyawo;
17 Abathengi bangena izibilini ziphezulu ezivenkileni;
18 Wofika bechwechwa okweekati zichwechwela iimpuku.
19 Sii! Hayi malindini ndiyakuqalekisa;
20 Sekunjenjenje kungenxa yakho kuba sikuvuzel' izinkcwe.
21 Izithethe namasiko namhla ayakrexezwa,
22 Kudluliswa umntwana kunina,
23 Akusenziwa ngantlonipho.
24 Isiko lolwaluko alisenasidima;
25 Ziphi na iingcibi namakhankatha ahlonele izinyanya?

7.2.1 Nika izinto eziMBINI ezibuzwa yimbongi ngelizwe loMzantsi Afrika kwimiqolo 1 nakowesi-2. (2)

7.2.2 Xela ukuba kuthiwa bumke nantoni Ubuntu kumqolo wesi-8. (1)

7.2.3 Xela ukuba usetyenziselwe ntoni umbuzo buciko okumqolo we-15. (2)

7.2.4 Cacisa ukuchaneka kwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-18 ngokomxholo walo mbongo. (2)

7.2.5 Nika isakhiwo sangaphandle semiqolo yama-21, nowama-22. (2)

7.2.6 Bonakalisa ukufaneleka kokusetyenziswa kwesihloko u 'konakele phi na mz'ontsundu' ngokomxholo wombongo. (2)

7.2.7 Xela umfanekiso-ntekelelo oziswa libinzana lingezantsi elifumaneka kumqolo wama-20.

'sikuvuzel' izinkcwe …' (2)

7.2.8 Ngqina ukuba imbongi iphumelele ukuvelisa iingxaki zoMzantsi Africa. (2)

7.2.9 Nika imfundiso yalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70